

Incwadi yomsebenzi namabali eOpera

BONKE ABATHATHE INXAXHEBA KULENCWADI

Umqulunqi	Madré Loubser
Umbhali	Elisabeth Manduell
Umguquleli wolwimi lwesiXhosa	Masixole Makwetu
Umzobi	Ndumiso Nyoni
Umyili	Daniel Comer
Umhleli	Africa Melane Sisonke Marela

OKUQULETHWE YINCWADI

Hansel noGretel 4

Impempe yomlingo 13

Cinderella 22

UAmahl nabahambi basebusuku 31

Inkwenkwe ekhule ngokukhawuleza 38

Mandela Trilogy 44

HANSEL & GRETEL

Umqambi
Engelbert Humperdinck

Libretto
Adelheid Wette

Kude kufuphi nehlathi, kwindlu eyakhiwe ngamaplanga, uHansel noGretel baxakekile ngumsebenzi wasekhaya. Kuthe kusenjalo wavakala uHansel embombozela ukuba yena ulambile. Into ebengayazi kukuba uGretel uhleli phezu kwemfihlelo; umama wabo umshiye nobisi ukuba benze ucwambu lomkhenkce. UHansel walusela ubisi, emveni koko wadanisa.

HANSEL NOGRETEL BEDANISA

Kuthe kungekudala, wagaleleka uMama endlini. Phofu umsebenzi wasekhaya awukagqitywa. Uthe esabangxolisa yawa ijagi. UMama uye wabathuma ehlathini ukuba bayokukha amaqunube.

QOKELELA AMAQUNUBE



UTata ufika ekhaya ephethe ingobozi ezele ukutya akuthenge ngemali ayifumene ngokuthengisa imitshayelo. “Baphi abantwana?” ubuzile uTata. Aphendule uMama, “Ndibathume ehlathini bayokukha amaqunube.” Uye wazala unxunguphalo uTata esithi kuMama, kukho inkuntsela yegqwirha elihlala kwelahlathi. Elijika abantwana babengamaqebengwana, lakugqiba libatye. Khange baphozise maseko, baphuma endlini beleqisa ehlathini uyokukhangela abantwana.

INKUNTSELA YEGQWIRHA LIBAJIKA BABEYINTONI ABANTWANA?

Phaya ehlathini uGretel uzenzela isithsaba seentyatyambo. UHansel yena utya amaqunube. Bathe besakhangela amanye amaqunube, latshona ilanga, kwaqala ukuba mnyama ehlathini. Bathe bekhangela indlela egodukayo kwe gqi umnumzana uSanti, wabagalela ngesanti yomlingo balala. Ngalo lonke elixesha baleleyo, bakhuselwe zizilo ezibhabhayo.

UMNUMZANA USANTI EBAGALELA NGESANTI EMEHLWENI

Bavuswe ngamachaphaza eqabaka, nengoma yethemba nombulelo eculwa sisilo esibhabhayo. Bathe xa bephakamisa iintloko babona indlu enkulu yesonka se rhemere. Indlu le yokhiwe ngamaqebengwana nezimuncu-muncu. Batsiba ucingo lwalendlu, bafika batya lamaqebengwana nezizimuncu-muncu.

INDLU YE RHEMERE



Bathe besatya uHansel noGretel lafika igqwirha lizokubona ukuba ngubani lo utyayo. Igqwirha lababona ukuba balambile, lababizela ngaphakathi. Bahlala etafileni batshabalalisa kwanto iphambi kwabo. Igqwirha lacela uGretel alungise itafile bazokubeka ukutya kwangokuhlwa. Ngalo lonke elixesha uHansel uzenza oleleyo. UHansel weva igqwirha lizithethela lodwa ukuba lizakuba jika babengamaqebengwana libatye.

ZOBA UMLINGANISWA U RHEMERE UMNXIBISE IMPAHLA

UGretel wabuyela kwigumbi lokuphekela, wabuza apha kwigqwirha ukuba lonwabile na ngumsebenzi wakhe. Lithe nje lakuphuma igqwirha uHansel wabalisela uGretel ngeengcinga zalo igqwirha. Labuyela ekhitshini igqwirha, lacela uGretel ajonge lamaqebengwana asesezikо. UGretel wenze ingathi akaliva. Igqwirha liye lanomsindo laya eziko, lathi lisajonge ngaphakathi uGretel walityhalela emlilweni latsha. Abantwana ebebengamaqebengwana babuyela kwisimo sobuntwana.

FAKA IMIBALA KWICINGO OLWENZIWE NGABANTWANA



UHansel noGretel beva abazali babo bebakhwaza. Oko bebakhangela ubusuku nemini, kodwa ngethamsanqa babafumene besaphila.

GODUSA UHANSEL NOGRETEL, BABUYELE EKHAYA



IMPEMPE YOMLINGO

Umqambi
Wolfgang Amadeus Mozart

Libretto
Emanuel Schikaneder

Kwilizwe elikude, Inkosana egama linguTamino ilwa negongqongqo. Uthe esalwa njalo wafa isiqaqa, kwafika iintwazana ezintathu zasebukhosini zalibulala igongqongqo, waba uyasinda uTamino. Inkosana ivuka kobude ubuthongo sele kukho indoda egama linguPapageno ecaleni kwakhe. UPapageno ngumfo oleqana neentaka, kwaye unxunguphele kuba engafumani umlingane. Kuthe kusenjalo, kwegqi ezantwazana zintathu zasebukhosini, zanika uTamino ifoto yeNkosazana uPamina. Ngokujonga nje le foto, uTamino uye wayithanda lendzwakazi.

FAKA IMIBALA KWIINTWAZANA EZINTATHU ZASEBUKHOSINI



Inkosazana uPamina iseluvalelweni lwendoda engalunganga uSarastro. UTamino wathembisa ukuba uzakwenza ngokusemandleni akhe ukumsindisa. Kuthe kusenjalo kwegqi ikumkanikazi yobusuku. Uthembise uTamino ukuba uyisindisile intombi yakhe, uyakuyivumela ukuba imtshate. lintwazana zasebukhosini zanika uTamino impempe yomlingo, emveni koko zanika uPapageno iintsimbi zomlingo. Lamadoda kufuneka efumene indlela yokungena kwibhotwe likaSarastro.

INDLELA EYA KWIBHOTWE LIKASARASTRO



UPamina uvaleleke kwigumbi ebhotweni likaSarastro. Wafika uPapageno woyikisa unogada. uPapageno uxelela uPamina ukuba uTamino usendleleni ezayo ukuzokusindisa yena, kwaye uyamthanda. Ngelo xesha, uTamino yena usemasangweni ebhotwe apho adibene nendoda ethe yamxelela ukuba uSarastro lilungisa, kwaye yikumkanikazi yobusuku engcolileyo. Emveni koko kwegqi izilwanyana ezoyikekayo. UTamino wadlala impempe yomlingo zadanisa, uPapageno wadlala iintsimbi zomlingo unogada wadanisa.

DIBANISA AMACHOKOZA



USarastro ungena ehamba namaphakathi akhe, kulapho uPamina avumayo ukuba uzamile ukuqhawula. UPapageno wazimela ngenxa yoloyiko, waze washiya uTamino no Pamina bodwa. Kuye kwanyanzeleka uTamino aphumelele uvavanyo lukaSarastro ukuze anikwe isandla sikaPamina somtshato. Kungekudala zafika iintwazana zasebukhosini, zizama ukuthethisa uTamino noPapageno, kodwa azahoywa ngalamatyendyana.

FAKA IMIBALA KUTAMINO NOPAMINA BEBONANA OKOKUQALA

UPamina ulele egumbini lakhe xa evuswa yintsholo yokufika kuka mama wakhe. UPamina uye waxelelela umama wakhe ukuba uTamino uzinikele kuSarastro, kwaye naye Pamina uzakuzeka mzekweni. Yavutha iKumkanikazi yobusuku, isithi kuPamina kufuneka ondzakalise uSarastro okanye uzakuba sengxakini.

ZOBA ISINXIBO SEKUMKANIKAZI YASEBUSUKU



Abefundisi bebandla likaSarastro banika umqathango kuTamino noPapageno wokuba abavumelekanga ukuba bathethe. UTamino wadlala impempe yakhe yomlingo ebiza uPamina. Khange athethe naye, nto leyo eye yamcaphukisa uPamina.

DIBANISA AMACHOKOZA



UPapageno wafikelwa lixhegwazana elizibiza ngokuba lubambo lwakhe, wavuma lomfo kodwa engaqinisekanga. Uthe xa ebheka lajika ixhegwazana layintwazana entle, egama linguPapagena. UTamino noPapageno basephantsi kovavanyo, wafika uPamina wanika uTamino impempe yomlingo ukuze aphumelele uvavanyo lomlilo namanzi.

UYABAKHUMBULA ABADLALI BEQONGA BALOMDLALO?

I	G	I	V	S	A	R	A	S	T	R	O	E	Y	F	K	S	M
M	K	J	Y	I	B	T	K	W	S	C	T	M	I	B	U	L	H
E	Q	U	V	Z	B	F	A	C	Y	S	Q	J	X	W	H	G	V
J	J	U	M	D	W	S	K	M	R	B	H	B	P	U	S	C	F
B	D	H	H	K	Y	F	F	X	I	J	M	H	A	S	F	M	I
C	E	M	S	X	A	L	G	K	A	N	M	O	P	N	Z	X	T
P	A	P	A	G	E	N	O	B	Y	I	O	S	A	Q	L	B	G
G	T	A	B	P	A	W	I	H	Z	L	V	F	G	E	B	J	R
A	Z	G	C	U	F	Q	X	K	C	J	P	K	E	F	A	J	M
K	B	R	K	G	A	Y	V	E	A	Q	X	L	N	A	E	V	P
I	X	Q	J	D	Y	L	S	B	Y	Z	O	K	A	H	O	Z	C
L	C	S	T	P	A	M	I	N	A	E	I	F	K	R	B	A	Q

Khangela lamagama angezantsi.
Amagama afumaneka ngokujonga → ↓ okanye ↘ .

IKUMKANIKAZI
PAMINA
PAPAGENA
PAPAGENO
SARASTRO
TAMINO

UTamino noPapageno baphumelele. UPapageno waphinda wahlangana noPapagena. Bathe besalungiselela ukubhiyoza yafika iKumkanikazi neentwazana zasebukhosini ezintathu bezokutshabalalisa isibingelelo. Kodwa, zonke ezonzame ziwele phantsi. Laphuma ilanga, kwaphilwa ngoxolo.

ZOBA UPAPAGENO NOPAPAGENA BENGQANGWE ZIINTAKA

CINDERELLA

Umqambi
Jules Massenet

Libretto
Henri Caïn

Ngaminazana ithile kwisixeko sasebukhosini, kwakhukho intombazana eyayizalwa yindoda egama linguPandolfe. Lendoda yayitshate nomfazi owayebalulekile uMadame de la Haltiere, owayenabantwana abangamantombazana ababini. UPandolfe wayezele usizi kuba washiya ikhaya lakhe emaphandleni. Intombi yakhe uLucy yayingaphathekanga kakuhle, kwaye yayibizwa uCinderella kulendlu.

UYABAKHUMBULA ABADLALI BEQONGA BALOMDLALO

M	A	B	P	G	W	G	F	B	U	O	S	R	E	R	D	H	W	Y	U	Z	K	H
E	N	U	S	P	R	X	L	Y	B	I	Y	D	F	Y	O	G	N	T	K	T	H	A
A	S	X	G	D	B	V	G	D	Y	A	Q	K	N	L	T	X	V	O	Y	Z	A	B
N	V	X	E	W	M	V	C	K	Q	L	Q	L	U	A	Y	T	G	Q	U	T	C	Q
J	D	T	F	I	R	V	Q	X	U	L	Y	L	N	C	H	S	B	Z	O	V	G	L
K	N	A	L	Y	F	Q	T	R	A	E	O	Q	D	H	S	T	W	D	H	G	Y	X
J	N	Q	O	M	R	G	T	B	V	R	I	G	Q	O	J	J	R	Q	B	H	L	R
Y	D	G	D	N	T	Q	M	C	R	E	L	I	W	V	R	S	J	I	L	L	U	N
M	C	R	N	Q	U	Q	S	O	U	D	U	N	P	T	M	O	S	K	P	S	X	M
O	M	O	A	O	G	L	M	S	P	N	A	G	N	Y	T	F	T	N	U	Y	D	U
K	A	V	P	P	Y	L	G	Q	M	I	Y	J	A	F	S	F	A	H	S	L	K	D
J	M	L	R	M	G	K	M	X	P	C	S	A	O	P	P	N	X	N	Y	W	B	T
H	A	D	V	U	Y	B	Y	M	J	K	A	U	M	R	L	J	B	O	D	P	N	D
E	J	E	C	M	A	D	A	M	S	Q	Z	C	I	B	J	E	C	R	F	D	A	Z
U	U	D	Q	V	D	Y	B	W	K	K	Y	K	P	W	D	B	V	D	E	M	H	V
V	O	W	G	X	T	B	N	P	H	G	R	D	T	R	F	H	D	R	U	N	P	B

Khangela lamagama angezantsi.
Amagama afumaneka ngokujonga ↑ ↓ → ← okanye ↘ .

CINDERELLA
DOROTHY
MADAM
NAOMI
PANDOLFE

UPandolfe, unkosikazi wakhe kwakunye neentombi zakhe uNaomi noDorothy, balungiselela umsitho ongcotshileyo ukuze ezintwazana zizokubona inzwana yasebukhosini. Banxiba ke, benjenjeya ukuya kulomsitho. UCinderella ushiyeke endlini, kwaye naye uyanqwenela ukuya kulomsitho. Wakugqiba ukwenza umsebenzi wasekhaya, walala ngasemlilweni.

ZOBA IMPAHLA ZOMSITHO ZIKA NAOMI NODOROTHY

Kuthe kusenjalo, kwe gqi umama onemilingo, wamxelela uCinderella ukuba uzakuya emsithweni. Wasebenzisa umlingo ukwenza ilokhwe entle. Emveni kokuba egqibile, uye wamnika umqathango othi, “Ngentsimbi yeshumi elinambini umlingo wam uzakuphela. Ngoko ke, kufuneka ugoduke.” UCinderella unxibe isihlangu esophukayo.

FAKA IMIBALA KULOMFANEKISO

Kwibhotwe lasebukhosini, inkosana ayonwabanga kuba kufuneka ikhethe intwazana ezakuba ngukumkanikazi ngenye imini. Kwafika iinkosazana ezisuka kwindawo ezikude, kodwa inkosana yayingonelisekanga. Kuthe kusenjalo, wangena uCinderella emsithweni, ngoko nangoko yathatheka inkosana yilendzwakazi intle kangaka. Badanisa ubusuku bonke bobabini, kuthe kusenjalo yabetha intsimbi yeshumi elinambini, wabaleka uCinderella wagoduka.

ZOBA IXESHA ELIBONISA INTSIMBI YESHUMI ELINAMBINI, EZINZULWINI ZOBUSUKU



Ekubalekeni kwakhe uCinderella, siye saphuncuka esinye isihlangu sakhe. Uthe efika endlini yabe ilokhwe yakhe ibuyele kuleya yokusebenza endlini. UTata kaCinderella wabuya esithi bazakumka apha esixekweni babuyele endlini yabo esemaphandleni. Uthe wakuziva ezindaba uCinderella, wabalinda balala, wacela kwabanentsente.

NCEDA UCINDERELLA AFIKE EHLATHINI



UCinderella wabalekela kwihlathi elihle, wafika kumthi womlingo wacula. Inkosana ikhona apha nayo, kodwa ababonani ngenxa yeentyatyambo zomlingo eziphakathi kwabo. Inkosana yathembisa ukuba izakumnika intliziyo yakhe ukuba ingavumeleka imbone. Zasuka iintyatyambo babonana, babiwa bubuthongo bebambene.

ZOBA LOMTHI BEKUTHETHWA NGAYE APHA

UCinderella uvuka esekhaya, kwaye ufumanise ukuba unenyanga elele. UTata wakhe ambalisele ukuba ngelaxesha ebelele ebephupha ngemilingo nangenkosana, kodwa ibiliphupha. UMama wekhaya ufike nendaba zokuba kwibhotwe lasebukhosini kubizwe zonke iintombi, kuba kufumaneke isihlangu esophukayo. Watsho wayiqonda uCinderella ukuba iphupha lakhe beliyinyani.

ZOBA IPHUPHA LAKHE



Xa efika ebhotweni lasebukhosini, inkosana yambona uCinderella, yavuma ukuba nguye lo kudala imkhangela. Wonke umntu wonwabile, kwaye baphila ngokonwaba ngonaphakade.

FAKA IMIBALA KUCINDERELLA NENKOSI

UAMAHL NABAHAMBI BASEBUSUKU

Umqambi kunye neLibretto
Gian Carlo Menotti

Kwilizwe elikude kwakukho umfana ogama linguAmahl. Wayekuthanda ukubalisa amabali angeyonyani, kwaye ehamba ngentonga. Wathi ehleli phandle ngobunye ubusuku edlala ngempempe ka malusi, wabona inkwenkwezi ezele ubuqaqawuli esibhakabhakeni. Uzamile ukuxelela uMama wakhe ngale nkwenkwezi, kodwa uMama wakhe akamkholelwa.

FAKA IMIBALA KUAMAHL EDLALA IMPEMPE YAKHE



Kwangobabusuku, emveni kokuba bengene ezingubeni, uMama ka Amahl uthandazela ukuba unyana wakhe angahambi ecela amalizo xa emdala. Uve umntu enkqonkqoza, wathuma uAmahl ayokujonga emnyango. Wavula umnyango uAmahl, wabona iikumkani ezintathu ezicwebezelayo. UMama wakhe akamkholelwa, waphakama ezokuzibonela ngokwakhe emnyango.

ZOBA INDLU YAKULO AMAHL

Iikumkani zazikuhambo olude olusingise kumntwana ongcwele, kwaye ngobobusuku zazidinga indawo yokulala. UMama ka Amahl wazivumela iikumkani zingene, wabasa umlilo. Ngalo lonke elixesha uAmahl yena wayezihlaba imibuzo iikumkani, efuna ukwazi ngobomi bazo. UKumkani uBalthazar wamphendula, emveni koko wambuza ukuba uphila njani yena uAmahl. UAmahl wabalisa ngobomi bakhe bokolusa, phambi kokuba uMama wakhe athengise iigusha zabo kuba bedinga imali.

NCEDA IIKUMKANI EZINTATHU ZIFIKE KWINKWENKWEZI



UKumkani uKaspar uye wabonisa uAmahl ibhokisi ezele yigolide needayimane, kwanamatye omlingo neelekese. Uye wanika uAmahl ilekese emveni koko. UMama ka Amahl wabuya ephethe iinkuni zomlilo, wacela uAmahl ukuba ayeke ukuphazamisa. Uphendule esithi: "Zikumkani ezibuza mna imibuzo." Wathunywa uAmahl ebumelwaneni, kulungiselelwa ukutya kwangokuhlwa nolonwabo.

ZOBA IBOKISI YAMATYE OMLINGO, IZIMBIWA, KUNYE NELEKESE

Emveni kokuba abamelwane bemnkile, neekumkani zilele, uMama ka Amahl wazama ukuba igolide ukuze babe nemali nonyana wakhe. Wabhaqwa ngumsebenzi wekumkani. UKumkani uMelchior wamxolela esithi angayigcina igolide kuba umntana ongcwele akayidigi.

KHANGELA LAMAGAMA ABHALWE EZANTSI

D	O	E	I	G	O	L	I	D	E	I	T
J	V	I	I	L	E	K	E	S	E	W	A
E	F	V	H	R	F	C	Y	P	I	I	S
W	L	O	A	T	Y	U	N	Z	U	Z	J
E	K	I	Y	X	I	R	W	V	P	R	B
L	F	C	A	O	B	A	M	A	H	L	Y
S	A	G	K	A	S	P	A	R	L	T	W
T	Y	M	E	L	C	H	I	O	R	H	X

Khangela lamagama angezantsi.
Amagama afumaneka ngokujonga → okanye ↓.

AMAHL
IGOLIDE
IILEKESE
JEWELS
KASPAR
MELCHIOR

UMama ka Amahl wayibuyisela igolide, kwaye unqwenela ukubanika isipho kodwa akananto anayo. UAmahl naye wanikisa ngentonga yakhe, uthe esayinikezela umlenze wakhe waphila. UMama wakhe wamvumela ukuba ahambe ayokubulela kolusana lungcwele ngukuphilisa umlenze wakhe.

ZOBA INDLELA EYA KUMNTANA ONGCWELE

INKWENKWE EKHULE NGOKUKHAWULEZA

Umqambi kunye neLibretto
Gian Carlo Menotti

Emva kwenduli, kwidolophu elandelayo, kwakukho inkwenkwe eyayinde kakhulu. Xa yayineminyaka elithoba lenkwenkwe yayisele ingena zitshomi, kwaye wonke umntu wayehlekisa ngegama layo, uPoponel Skosvodomonit. UPoponel no mama wakhe babesandula ukufika kule dolophu, emveni kokuba utatakhe eswelekile.

BHALA IFANI KA POPONEL

UPoponel usandakuqala isikolo esitsha, kwaye abanye abantwana abafuni ukudlala naye. Umfundisi-ntsapho wakhe, utishalakazi Hope, wamxelela ngogqirha owakhe umatshini wokunciphisa umntu. UPoponel no mamakhe baya kubona uGqirha Shrinck ukuze anciphise uPoponel alingane nabanye abantwana.

NCEDISA UPOPONEL NO MAMAKHE BAYE KWAGQIRHA



Le ngcaphephe yogqirha yabaxelela ukuba uPoponel angalingana nabanye abantwana ukuba anganezimbo ezifana nezabo. Kwafika umongikazi ezokulanda uPoponel, besiya kulamatshini wokunciphisa. Wangena uPoponel ematshinini, waphuma enciphile. UGqirha wambonisa ukuba kuhanjwa njani ngemilenze emifutshane, uPoponel wabuyela esikolweni.

DIBANISA AMACHOKOZA OMATSHINI WOKUNCIPHISA



KHANGELA LAMAGAMA ABHALWE EZANTSI

Q	M	I	W	S	F	Y	I	K	A	B	X	Z	I	O	J	P	J
Z	M	A	D	D	O	X	S	S	Y	B	F	O	C	Q	O	Y	R
F	V	N	M	K	U	I	I	K	P	W	A	J	A	Y	J	C	A
X	B	B	U	I	R	P	K	V	U	X	B	Q	L	R	Q	A	B
R	V	C	H	C	J	L	O	G	X	M	X	W	F	Q	W	H	A
A	S	B	D	X	Z	O	L	P	O	D	A	B	R	K	M	Q	N
W	K	Y	N	V	Z	V	O	G	O	M	L	M	Q	Z	Y	L	T
T	V	U	W	T	M	A	L	O	N	N	C	Z	A	Z	N	U	W
P	Y	X	R	I	X	G	X	B	H	G	E	G	C	W	E	Z	A
D	N	M	M	U	N	F	I	Y	V	T	K	L	A	D	O	T	N
F	A	G	X	D	Q	K	I	M	T	E	Z	R	D	R	E	I	A
X	W	I	Q	O	Y	F	A	Y	N	X	O	A	O	G	X	X	C

Khangela lamagama angezantsi.
Amagama afumaneka ngokujonga → ↓ okanye ↘ .

ABANTWANA
ISIKOLO
MADDOX
POPONEL
UMAMA

Phaya esikolweni kukho umntana ogama linguMaddox, othanda ukwenza izinto ngetshova. Akukhomntu ofuna ukuba yitshomi yakhe, kodwa uPoponel watshomana naye. Emveni kokutshomana noMaddox, uPoponel uphinde wamde, kodwa uMaddox akanangxaki nalonto, bahlala bezitshomi.

FAKA IMIBALA KAPOPONEL NOMADDOX BEDLALA

MANDELA TRILOGY

Umculo
Peter Louis van Dijk
Mike Campbell

Incwadi Namagama
Michael Williams

Kwilali yaseQunu, kwiphondo laseMpuma Koloni, kwakukho ityendyana, uNelson Rholihlahla Mandela. Abaninzi benu bayakumazi ngo Madiba. Ibali lethu liqala emveni kokuba uRholihlahla noJustice bebuye entabeni. Ngamadoda ngoku, kwaye bafungile emveni koku ngcamla umqombothi.

DIBANISA AMACHOKOZA ELALI YASE QUNU



Kuthe kusenjalo, inkosi yababalisela ibali lendoda eyayiligorha uMakhanda, owayenomnqweno wokubona inkululeko yamaXhosa. Lendoda uMakhanda yayibanjiwe, ivalelwe esiqithini esikude. Emveni kokuba ebalekile eluvalelweni, yaqubha kulwandle olumnyama, ayaphinda yabonakala. Ithe xa inkosi iligqiba elibali yabakhumbuza ukuba umoya kaMakhanda usezakuzilwela.

1. IDOLOPHU YASE MAKHANDA IKWELIPHI IPHONDO?

---

2. MBHIYOZO MNI OBANJELWA EMAKHANDA YONKE IMINYAKA?

Emveni kweminyaka, uMadiba wabuyela kwilali yakhe kuba egxothiwe eDyunivesithi. Inkosi inomsindo kuba uRholihlahla kunye noJustice khange bayithathele ingqalelo imfundo yabo. Emveni koko wabaxelela ukuba kuzakufuneka bathathe amakhosikazi asele ekhethiwe. Kuba bengafuni ukutshata, uJustice noRholihlahla babaleka baya kwisixeko saseGoli.

NCEDA UJUSTICE NOMADIBA BAYE KWISIXEKO SASEGOLI



Sele iyiminyaka emininzi ngoku uMadiba elwela inkululeko kwesisixeko saseGoli. Ugcwele la moya kaMakhanda, kwaye uwusebenzisa ukulwa norhulumente wengcinezelo. Uthe esathetha noluntu ukuba lunganikezeli, agaleleka amapolisa ayibamba lendoda ithetha kakubi ngorhulumente. Ngentlahla wonke omnye umntu wabaleka.

KHANGELA LAMAGAMA ABHALWE EZANTSI

D	B	W	U	V	M	A	N	D	E	L	A	K	M	M	I	D	W
S	V	A	X	G	Z	Z	Z	H	G	U	H	L	M	L	I	D	I
P	Z	C	J	Z	W	A	J	U	S	T	I	C	E	X	N	U	N
Y	X	O	E	S	I	Q	I	T	H	I	N	I	I	Z	K	C	N
M	Z	A	N	T	S	I	A	F	R	I	K	A	Q	L	U	K	I
B	A	F	A	C	G	H	X	S	U	L	F	M	L	I	L	W	E
L	Z	E	I	N	D	M	A	K	H	A	N	D	A	O	U	I	E
Q	W	D	F	Q	V	V	A	P	E	V	Q	L	J	I	L	L	C
H	E	E	A	H	S	P	V	G	M	E	P	B	S	L	E	A	A
B	N	K	U	R	K	O	G	J	R	E	J	Z	B	P	K	L	I
K	I	M	B	G	S	E	F	B	L	K	K	J	U	L	O	I	D
K	D	L	I	L	M	W	G	R	E	K	E	I	P	R	K	H	F

Khangela lamagama angezantsi.
Amagama afumaneka ngokujonga → ↓ okanye ↘ .

ESIQITHINI
INKULULEKO
JUSTICE
KWILALI
MAKHANDA
MANDELA
MZANTSI AFRIKA
WINNIE

Kwindawo yolonwabo eyaziwayo, uMadiba udibana nesihlobo sakhe uDolly. Akhange aphozise maseko ukuxelela uMadiba ukuba ufumene iimbalelwano ezithi kufuneka alishiye ikhaya lakhe. UMadiba uthembisa ukuba uzakwenza konke okusemandleni ukuyilwa lonto. Sithe sisajonge leyo, bagaleleka abahlali bevutha ngumsindo. UMadiba wabacenga ukuba bahlise umsindo, kugqugqise uxolo. Bacula bedanisa.

FAKA IMIBALA KUMADIBA NODOLLY

Kwiiveki ezilandelayo, bonke abantu baye bakhutshwa emakhayeni abo, befuduselwa eMeadowlands. UMadiba noDolly nabo kufuneka behambile. Endleleni ehambayo bava ingxolo yokuwa kwezindlu, kungelixesha apho uMadiba athathe isigqibo sokuqhubeka nomlo kunye norhulumente wobandlululo.

LANDELA ELIGAMA UMEADOWLANDS NGESIXHOBO SOKUBHALA

Meadowlands

BHALA ELIGAMA LINGENTLA

Kungekudala uMadiba uye wadibana noWinnie, yena lowo othe wadlala indima enkulu ekuncediseni uMadiba ekulweni ubandlululo. Bebehlala iindibano zokuxoxa ngeendlela namacebo okulwa ubandlululo. UWinnie udibene noMadiba kwenye indibano, kulapho amxelele khona ukuba amapolisa ayamkhangela. UMadiba wayixelela lendzwakazi ukuba uyayithanda phambi kokuba abanjwe.

FAKA IMIBALA KUMADIBA

Entilongweni, kwisiqithi sase Robben Island, uMadiba namanye amabanjwa epolitiki bafunga ukuba abasayikutya uluntu olumnyama lungekakhululeki. Baphupha ngabafazi babo nentsapho zabo, bahleli ethembeni lobomi abazakubuphila kuMzantsi Afrika omtsha.

ZOBA UFAKE IMIBALA KUMNYAMA (RAINBOW)

Emveni kweminyaka emininzi uMadiba wafudukiselwa kwintilongo ekulomhlaba waseKapa. Ufikile uWinnie ezokumbona. UMadiba wamxelela ukuba ukuze siqhubele phambili sililizwe loMzantsi Afrika kufuneka uxolo.

BHALA OKANYE UZOBE IZINTO EZIBONISA UXOLO

Kwiintsuku ezilandela leyo uMadiba wahamba nonogada ngemoto esixekweni. Unogada wamthengela isiselo esibandayo bencokola. Uthe xa ebuya koluhambo uMadiba, wadibana nendoda ethe yamxelela ukuba uzakukhululwa eluvalelweni.

ZOBA ISISELO ESIBANDAYO



Lendoda noMadiba bavumelana ukuba mninzi umsebenzi ekufuneka wenziwe ukulungisa elilizwe, kwaye ufuna intsebenziswano.

FAKA IMIBALA KWI FLAGI YOMZANTSI AFRIKA



UMBULELO

THE SIGRID RAUSING TRUST

MariaMarina FOUNDATION

UTHANDO South Africa

The Philip Schoeck Charitable & Educational Foundation

The Judith Neilson Head Trust

The Susman Charitable Foundation

Mauerberger Foundation

SA and UK Patrons

Helderberg Rotary and Rotary E-Club Hanse D1940

Youth Development and Education Coordinators
Madré Loubser madrel@capetownopera.co.za
Masixole Makwetu masixolem@capetownopera.co.za

www.capetownopera.co.za
Published and distributed byThe Cape Town Opera Company

Text and art copyright © The Cape Town Opera Company. All rights reserved.
No parts of this book may be reproduced or transmitted in any form or by any means electronic and retrieval systems that are available nor or in the future, without permission in writing from the copyright holder and the publisher.